



Inombolo yefayili: 3/1/3/1  
Isalathiso: 20240115-785

ISetyhula: 0003/2024  
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Isishwankathelo esifutshane: *Ukubonelelwa kwezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ngamanani ezithuba zomsebenzi zabaqeshwa benkonzo karhulumente abanika inkxaso ngowama-2024/25.*

**Isihloko: Ukubonelelwa kwezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ngamanani ezithuba zomsebenzi zabaqeshwa benkonzo karhulumente abanika inkxaso ngowama-2024/25**

1. Ukuhlaziywa kwamanani ezithuba zomsebenzi zabaqeshwa benkonzo karhulumente abanika inkxaso kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ukwenzela ithuba elisusela kowe-01 Apreli 2024 ukuya kowe-31 Matshi 2025, kwenziwe ngokungqinelana nemimiselo nemigangatho evunyiweyo.
2. Ngenxa yeemeko zangoku zezemali ezibangela uxinzelelo kwezoqoqosho kurhulumente, isabelo-mali asinako ukuhlawulela izithuba zabaqeshwa benkonzo karhulumente ezongezelelweyo. Ngoko ke kugqitywe ekubeni kugcinwe isabelo-mali sangoku kwizithuba zabaqeshwa benkonzo karhulumente abasezikolweni ukwenzela unyaka-mali 2024/25 kungabandakanywanga izikolo ezinokuphulukana nezithuba zazo ngenxa yokuhla kwamanani abafundi.
3. Izikolo ezibenokuhla okubonakalayo kumanani obhaliso abafundi kwithuba leminyaka embalwa ezingasakufanele ukufumana isabelo-mali esilolu hlobo ngokwemimiselo nemigangatho, ziya kufumana izabelo-mali zezithuba ezihlengahlengisiweyo (*adjusted post allocations*) ukususela ngowe-01 Apreli 2024.
4. Ukuzaliswa kwezithuba ezingenamntu zabaqeshwa benkonzo karhulumente abanika inkxaso makungqinelane neemfuno ezimiselwe kumhlathi 3.2 weSaziso seCandelo lokuGaya nokuKhetha aBasebenzi 0001/2023, somhla we-31 Oktobha 2023.

5. Ukuba kuvuleka izithuba zomsebenzi ezingenamntu ezisisigxina, abaqeshwa abangaphezu kwemfuneko baya kukhethwa kuqala ukwenzela ukumataniswa nokufakwa kwizithuba zomsebenzi ezilolu hlobo.
6. Amanani ezithuba zomsebenzi zabaqeshwa benkonzo karhulumente abanika inkxaso kwizikolo zikarhulumente ango-2024/25, apapashwa kwi-CEMIS phantsi ko-*“Administration”* ngowe-23 Februwari 2024.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS  
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**  
**UMHLA:** 2024-02-16